Isalathiso: 20200911-7994
Inombolo yefayili: 11/1/3/1/Die Burger Youth Leadership Conference
Imibuzo: HA Brand

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam noLawulo loVavanyo: 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu

Isihloko: **INkomfa yePhephandaba i-*Die Burger Youth Leadership Conference* yange-14–16 Disemba 2020**

1. Iphephandaba i-*Die Burger*, libambisene neSebe leMfundo leNtshona Koloni, liza kubamba eye-**62 iNkomfa yoLutsha yoBunkokeli yaqho ngoNyaka** (**62nd *Annual Youth Leadership Conference***) **ukususela ngowe-14 ukuya ngowe-16 Disemba 2020** eKapa.

2. Ngenxa yefuthe likabhubhane weCovid-19, iNkomfa yoLutsha yoBunkokeli yango-2020 iya kuba **sisiganeko esiqhubeka ngonxibelelwano luka-intanethi**, ngamaxesha aqingqiweyo ngale mihla.

3. Kucelwa izikolo zityumbe usihlalo kunye/okanye usekela-sihlalo onyuliweyo weBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners*) (*RCL*) ukulungiselela u-2021 omakathathe inxaxheba kule nkomfa yokwabelana ngamava angaka axhobisa ngolwazi. Iikhrayitheriya zonyulo zifakwe kwifom yokwenza isicelo.

4. Kucelwa iinqununu ukuba ziyikhuthaze kwaye ziyixhase inkomfa yolutsha yeenkokheli ezinyuliweyo ngokuthi zenze kufumaneke iifasilithi nezixhobo ze-intanethi ezilungele ukusetyenziswa zizo. Oku kuquka indawo efikelelekayo nefanelekileyo, enoqhagamshelwano lwe-intanethi, exhotyiswe ngekhamera, isandi ne-mayikhrofowuni.

5. Ulwimi lonxibelelwano iya kuba sisi-Afrikansi (ulwimi epapashwa ngalo i-*Die Burger*) kwaye zonke iinkcazo-ntetho ziya kwenziwa ngesi-Afrikansi. Nakuba kunjalo, abaviwa abasuka kuwo onke amaqela ezinye iilwimi baya kuqwalaselelwa

ukonyulwa ukuba bayaluqonda kakuhle ulwimi lwesi-Afrikansi yaye banabo nobuciko bokuluthetha.

6. Kulindeleke ukuba bonke abafundi abakhethiweyo baye kuzo zonke iiseshoni ukususela ngoMvulo we-14 Disemba 2020, ukuya kutsho ngoLwesithathu we-16 Disemba 2020. Abafundi abayi kuxolelwa ngokungayi nakwiyiphi iseshoni nokuba kungenxa yemisebenzi eyimfanelo enxulumene nesikolo okanye enxulumene nabo ziqu.

7. Amaxwebhu aqhotyoshelweyo aya kusetyenziswa njengefom yokutyumba yaye mawazaliswe ngenyameko. Izikolo zamkelekile ukuba zifake ingcaciso eyongezelelweyo eya kusetyenziselwa ukuphucula nokomeleza amathuba okutyunjwa kwabafundi.

8. **Zonke iifom ezizalisiweyo zamagama abatyunjiweyo** mazithunyelwe nge-imeyili kuNks Rosemary Swartz apha Rosemary.swartz@westerncape.gov.za phambi okanye ngowe-**06 Novemba 2020**.

9. Kucelwa nithathele ingqalelo le mihla ibalulekileyo ilandelayo;
   - Ukuvalwa ukungeniswa kwabatyunjiweyo: 06 Novemba 2020
   - Inkqubo yonyulo yokugqibela: 12 Novemba 2020
   - Ukungqinisiswa kweqela elonyulwe kwi-*Die* Burger 14 Novemba 2020

10. Yonke imibuzo evela ezikolweni emalunga nenkomfa idluliselwa **kusihlalo wenkomfa**, **uMnu Barry Volschenk, kule nombolo yeselula 082 376 4794.**

11. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

12. Iya kuthakazelelwa inkxaso yenu kule projekthi.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-15